

Uku-hamba epakini

Ibhalwe nguHagen Engler | Imizobo nguTamsin Hinrichsen

ULiso uyakuthanda ukungena kwi-intanethi. Eyona webhusayithi ayithandayo inayo yonke into ayidingayo ukuze azonwabise. Ufundu zonke iintloblo zokudanisa. Ufundu izinto ezinomdla ngendalo. Uzifumanela nabahloblo abasuka kwihi labathi liphela.


“Masiye epakini,” watsho uTata, esusa amehlo kwilaptop yakhe.

“Ndikhetha ukuba kwi-intanethi,” watsho uLiso.

“Ndiyakwazi ukudlala, ukufunda, nokuzilolonga,” utshilo. “Yintoni engandenza ndifune ukuya kwenye indawo?”

“Uyabona ke,” watsho uTata. “Zikhona ezinye izinto ezingummangaliso ezikhoyo kwihi labathi lokwenene...”





Kwi-intanethi, uLiso wadibana nomhlobo wakhe uJamila.

“Ubuzixakekise ngantoni?” wabuza uJamila.

“Akukho nto ingako,” watsho uLiso. “Bendihleli nje kwi-intanethi.”

“Kwakuhle oko,” watsho uJamila. “Siye epakini thina. Sibone iindidi ngeendidi zeentaka. Side sabona nonondlwane ezakhela indlu ngasechibini!”

“Nyhani!” watsho uLiso. “Kuvakala kunomdla oko.”
“Kunjalo,” watsho uJamila. “Utata wam uthe iintaka ezingamadoda zakha indlwanne, zize ezingoomama zona zizihlole. Andiqondi ukuba uyithandile, uyidlakazile yonke loo ndlwane!”



Emva koko, uLiso uthethe nomhlobo wakhe uThalia.

“Masidanise,” watsho uLiso.

“Ethubeni,” watsho uThalia.
“Ndidiniwe emva kokubaleka.”

“Ukubaleka?” wabuza uLiso.
“Ububaleka phi?”



“Besibaleka kwihiatlathie elihle,” watsho uThalia. “Sibone inxala, inkawu, ubhobhoyi onomlomo onombala omhle o-orenji nesisila eside!”

“Owu nyhani,” watsho uLiso.

“Kuvakala kumangalisa nyhani oko!”

“Kunjalo,” watsho uThalia. “UMama uthe yintaka eyindoda. Ibisizisa ukutya kwindlwane.”

UThalia wayedinwe kakhulu ukuba angadanisa, ngoko ke uLiso wathumela umyalezo kwitshomi yakhe u-Ina.

“Masihambe siyodlala kwipaki ekwi-intanethi,” watsho uLiso.


“Andizukwazi,” waphendula u-Ina. “Ndisaya epakini nabazali bam. Kwilizwe lokwenene!”

“Kulungile,” watsho uLiso.
“Siza kuphinda sincokole.”

uLiso wacinga nzulu ixesha elide. Waze wakhwaza.

“Tata!” wakhwaza.
“Masihambe siye epakini!”

UTata wawala ilaptop yakhe.





Epakini, uLiso noTata wakhe babona intaka ezuba
okuqaqbileyo enesicholo eside esiluhlaza.
“Yho,” watsho uLiso. “Azi luhlobo luni lwentaka oluya!”
“Ndicinga ukuba ngumkholwane wasKnysna,” watsho
uTata. “Masizame ukuyilandela.”

Intaka yabhabha isuka enkcochoyini yomthi ukuya
kwenye inkcochoyi yomthi. Yeza kumphumla kwisebe
lomthi. Intaka yaya kuthi ngcu kumthi wesayikhadi.
uLiso noTata wakhe bayilandela, bebaleka yonke
loo ndlela.

“Liso, kutheni ungabulisi,” watsho uTata. “Mhlawumbi
ngumkholwane womlingo!”

uLiso walungisa ilizwi lakhe...
“Molweni apha,” latsho ilizwi. “Wenza ntoni apha?”
Amehlo kaLiso nakaTata athi phuhlu...

Nje ecaleni kwabo, phakathi naphakati epakini,
kwakume uJamila, uThalia noIna, kunye
nabazali babo!
“Nanko usimka kwakhona umkholwane,” wakhwaza
uLiso. “Masiwulandele!”

“Ezi ntaka zisisusile kwizikrini zethu, zasikhupha
ezindlwini, zasizisa ndawonye kwindalo,” watsho
uTata kaLiso. “Ekugqibeleni ziziintaka zomlingo.”

Uku-hamba epakini

Ibhalwe nguHagen Engler • Imizobo nguTamsin Hinrichsen



Izimvo eninokuthetha ngazo

Wenza ntoni ukuzonwabiswa?
Unxibelelana njani nabahlobo bakho?
Yintoni i-intanethi?



Umfanekiso

Yeyiphi indawo engaphandle oyithandayo? Zoba umfanekiso wakho ulapho.



Ukufunda

Yiba ngumcuphi webali!

- ★ Ziintaka ezohlukeneyo ezingaphi ezikhankanywe ebalini?
- ★ Ungafuluma amagama ezilwanyana ezibini zasehlathini?
- ★ Sesiphi isivakalisi esikuxelela ukuba utshintshe ingqondo yakhe uLiso malunga nokufuna ukuya epakini?
- ★ Ziindlela ezohlukeneyo ezingaphi zonxibelewano anazo nabahlobo bakhe uLiso?



Ukubhala

Bhala umbhalo anokuba uwubhalele omnye umhlobo uLiso ukufika kwakhe ekhaya evela epakini.



Ubuchule

Sebenzisa amasetyana, ingca namaggabi ukuzakhela eyakho inesi yentaka.



Ukwenza

Thatha uhumbo lwasezingcingeni epakini: zolule ubone ukuba yintoni esencotsheni yemithi, buthuma uye ezantsi ujunge izityalo nezilwanyana ezikufutshane nomhlaba kwaye ulandele intaka ebhabha isuka phezulu komnye umthi isiya phezulu komnye umthi.